South African Road Passenger Bargaining Council (iBhunga loThethathethwano kubaKhweli abaSebenzisa iNdlela laseMzantsi Afrika);

("SARPBAC")

INCWADI YE-PAIA (ISIGABA A)

&

I-POPIA NOMGAQONKQUBO WOBUCALA (ISIGABA B)

IZIQULATHO

1.	ULUHLU LWEENKCAZELO, AMAGAMA AWAKHIWE NGOONOBUMBA KUNYE NEZIFINYEZO	3
2.	INTSHAYELELO	3
3.	IPROFAYILI YE-SARPBAC	4
4.	IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZINGUNDOQO ZOFIKELELO KULWAZI	5
	a) IGosa elinoXanduva loLwazi	*5*
	b) Iinkcukacha zoqhagamshelwano ze-SARPBAC	*5*
5.	ISIKHOKELO SEKOMISHONI YAMALUNGELO OLUNTU KWI-PAIA	6
6.	ISICELO SOFIKELELO NGOKWE-PAIA	6
7.	INKCAZO YONCEDO OLUFUMANEKAYO	8
8.	IMIXHOLO KUNYE NEENDIDI ZEEREKHODI EZIGCINWE YI-SARPBAC NGOKUNXULUMENE NABANTU OLUCELWA NGABO ULWAZI	9
9.	UKUFUMANEKA NGAPHANDLE KWESICELO KWEEREKHODI EZITHILE	10
10.	IINKONZO EZIFUMANEKA KULUNTU EZIVELA KWI- SARPBAC KUNYE NOKUBA ULUFUMANA NJANI UFIKELELO KWEZO NKONZO	11
11.	UKUBANDAKANYEKA KOLUNTU OKUNXULUMENE NE-SARPBAC	11
12.	UMTHETHO LOWO ZIGCINWE NGAWO IIREKHODI	12

ISIGABA A- INCWADI YE-PAIA

1. ULULHLU LWEENKCAZELO, AMAGAMA AWAKHIWE NGOONOBUMBA KUNYE NEZIFINYEZO

1. **“Ishishini”** Ishishini loThutho lwabaKhweli abaSebenzisa iNdlela njengoko kuchaziwe Kwisikowupu se-SARPBAC;
2. **“I-LRA**” UmThetho wobuDlelwane bezabaSebenzi, wama-66 ka-1995;
3. **“I-PAIA”** UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, wesi-2 ka-2000;
4. **“I-POPIA”** UmThetho woKhuselo loLwazi lobuQu, wesi-4 ka-2013;
5. **“UMmiselo” / “omiselweyo”**

   I-GNR.757 yama-27 Agasti 2021: Imimiselo enxulumene nokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2021 (IGazethi kaRhulumente eyiNombolo yama-45057); okanye

   I-GNR.1383 yowe-14 Disemba 2018: Imimiselo enxulumene noKhuselo loLwazi lobuQu (IGazethi kaRhulumente eyiNombolo yama-42110); (njengoko imeko inokufuna njalo)
6. **“UMlawuli”** UMlawuli woLwazi;
7. **“I-SAHRC”** South African Human Rights Commission (iKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika); kwaye
8. **“SARPBAC”** South African Road Passenger Bargaining Council (iBhunga loThethathethwano kubaKhweli abaSebenzisa iNdlela laseMzantsi Afrika);

2. INTSHAYELELO

1. Le ncwadi iqulunqwe ngokungqinelana namacandelo ele-14 nelama-51 e-PAIA kwaye iza kuxela iimfuneko ze-POPIA.
2. I-PAIA yenza kusebenze icandelo lama-32 loMgaqo-siseko, elibonelela ngokuba wonke umntu unelungelo lofikelelo kulwazi, kwaye kufuneka ifundwe ngokuhlanganyelana ne-POPIA, eyenza kusebenze ilungelo kubucala kwaye equka ilungelo lokhuselo ekusetyenzweni ngolwazi lobuqu okungekho mthethweni. I-PAIA ijolise ekuqaqambiseni ukubaluleka kofikelo kulwazi kuluntu olunedemokrasi ngoku, *phakathi kwezinye izinto,* ukufuna amaqumrhu karhulumente nawabucala ukuba ayile incwadi echaza iintlobo zeerekhodi anazo, kunye neenkqubo zokuba abanye bafikelele kolo lwazi. I-PAIA

ibonelela kananjalo ngemida ethile kwezinye iintlobo zolwazi ekunokufikelelwa kuzo phantsi kweemeko ezohlukeneyo.

3. I-SARPBAC inako, kwimeko enye ukuthathwa njengequmrhu likarhulumente kwaye kwenye imeko njengequmrhu labucala, ngokuxhomekeke ekubeni irekhodi eliceliweyo linxulumene na nokusetyenziswa kwamagunya, ukusebenza okanye umsebenzi we-SARPBAC njengequmrhu likarhulumente okanye labucala. [1]

4. Le ncwadi yenziwe yafumaneka ngesiNgesi kubo bonke abo inokuba ngabaceli bolwazi olugcinwe yi- SARPBAC , kwaye iinguqulelo eziguqulelwe kwezinye iilwimi ezimbini ezisemthethweni ziza kwenziwa zifumaneke kananjalo ngesicelo. Abaceli banokuqhagamshelana neGosa elinoXanduva loLwazi ngoncedo xa becela iirekhodi kwi-SARPBAC ngokwale ncwadi.

5. Le ncwadi iza kuhlaziywa,ukuba naxa kuyimfuneko, okanye ngokusekelwe kunyaka. Le ncwadi ifikeleleka kwiwebhusayithi ye-SARPBAC ku www.sarpbac.org.za.

3. IPROFAYILI YE-SARPBAC [2]

1. I-SARPBAC libhunga lothethathethwano elisekwe ngokwecandelo lama-27 le-LRA.

2. Amagunya kunye nemisebenzi ye-SARPBAC, ngokunxulumene nomda wayo obhalisiweyo, zibekwe kwi-LRA, kunye noMgaqo-siseko wayo kunye nezivumelwano ezihlanganyelweyo ze-SARPBAC, kwaye ziquka kodwa zingamiselwanga mda ekwenzeni imisebenzi yokusonjululwa kwembambano (ngokuxhomekeke kwiimeko ezithile zokuvunywa yi-CCMA), ekusebenzeni ngemicimbi echaphazela okusemdleni wabaqeshi nabasebenzi abawela kwisikowupu sayo kunye nokugcina nokunyusa uxolo lweshishini.

3. Isikowupu esibhalisiweyo se-SARPBAC singoku kulandelayo: “URhwebo ngeziThuthi zabaKhweli zeNdlela” okanye “Urhwebo” luthetha urhwebo olo abaqeshi kunye nabasebenzi babo banxulunyaniswa ngenjongo yokuthuthela umvuzo kuyo nayiphi indlela kawonkewonke kunye nawuphi umntu ngendlela yesithuthi esiyilelwe ukuba siqhutywe endleleni kwaye ubuncinane esinamavili amabini (ngaphandle kwesithuthi esikuyo okanye esiphantsi kolawulo lwayo i-Transnet) esijolise ekukhweliseni ngaphezulu kwabantu abali-16 ngaxeshanye kuquka nomqhubi wesithuthi kwaye luquka yonke imisebenzi okanye elandelayo ngenxa yoko.”

4. ULwakheko lwe-SARPBAC lolo lubekwe kuMgaqo-siseko wayo, kodwa ugunyaziwe wayo ongundoqo yiKomiti enguNdoqo, leyo, *phakathi kokunye,* inomsebenzi wokulawula

[1] **ICandelo lesi-8 le-PAIA**: “Inxenye esebenzayo xa isenza imisebenzi njengequmrhu likarhulumente okanye labucala.—(1) Ngeenjongo zalo mThetho, iqumrhu likarhulumente ekubhekiselwe kulo kumhlathi (b) (ii) wenkcazo “yequmrhu lukarhulumente” kwicandelo loku-1, okanye icandelo labucala— (*a*) inokuba liqumrhu likarhulumente okanye iqumrhu labucala ngokunxulumene nerekhodi lelo qumrhu; kwaye (*b*) kwimeko enye linokuthathwa njengequmrhu likarhulumente kwaye kwenye imeko njengequmrhu labucala, ngokuxhomekeke ekubeni elo rekhodi linxulumene na nokusetyenziswa kwamagunya, ukwenziwa komsebenzi njengequmrhu likarhulumente okanye labucala. (2) Isicelo sofikelelo kwirekhodi eligcinelwe injongo okanye ngokuphathelene nokusetyenziswa kwegunya okanye ukwenziwa komsebenzi — (*a*) njengequmrhu likarhulumente, kufuneka senziwe ngokwecandelo le-11; okanye (*b*) njengequmrhu labucala, kufuneka senziwe ngokwecandelo lama-50. (3) Amagatya eeNxenye 1, 2, 4, 5, 6 neye-7 asebenza kwisicelo sofikelelo kwirekhodi elinxulumene namagunya kunye nomsebenzi oqhutywe okanye owenziwe njengequmrhu likarhulumente. (4) Amagatya eeNxenye 1, 3, 4, 5, 6 neye-7 asebenza kwisicelo sofikelelo kwirekhodi elinxulumene namagunya kunye nomsebenzi oqhutywe okanye owenziwe njengequmrhu labucala.”

[2] ICandelo le-14(1)(a)(i) le-PAIA.

uMgaqo-siseko we-SARPBAC, ukumisela iikomiti ezinganeno, ukuqeshwa kwabasebenzi, imicimbi yomgaqonkqubo, ukusekwa kunye nokujongana nenkqubo yokusonjululwa kweembambano njengoko kubonelelwe kwicandelo lama-28(1)(d) lifundwa necandelo lama-51 le-LRA, kunye nawo nawuphi na omnye umsebenzi njengoko kuchaziwe kuMgaqo-siseko we-SARPBAC. IKomiti enguNdoqo inabameli abali-10 abonyulwe yiMibutho yoMqeshi kunye nabameli abali-10 abonyulwe ziiManyano zabaSebenzi eziyinxalenye ye-SARPBAC.

4. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZINGUNDOQO ZOFIKELELO KULWAZI[3]

1. Ngeenjongo zale ncwadi, igama “IGosa eliNoxanduva loLwazi” libhekisele kwigosa elinoxanduva lolwazi elisemthethweni leziko likarhulumente njengoko kubhekiselwe kulo kwicandelo le-18 le-PAIA, kwaye intloko yeziko labucala ekubhekiselwe kulo kwicandelo lama-53 le-PAIA.[4]

a) <u>IGosa elinoXanduva loLwazi</u>

IGosa elinoXanduva loLwazi	NguGary Wilson
Idilesi yeposi ebhalisiweyo ye-SARPBAC	PO Box 13238, Mowbray, Cape Town, South Africa, 7705
Idilesi yesitalato ebhalisiweyo ye-SARPBAC	Ground Floor, Stone House, Stonefountain Terrace, 95 Klipfontein Road, Rondebosch, Cape Town, South Africa, 7700
Inombolo yomnxeba	021 686 4281 / 081 417 9721
Inombolo yefeksi	021 685 8048
IDilesi yeImeyile	gary@sarpbac.org.za
IWebhusayithi	www.sarpbac.org.za

b) <u>Iinkcukacha zoqhagamshelwano ze-SARPBAC</u>

UNdlunkulu we-SARPBAC - EKapa	
Idilesi yesitalato	Ground Floor, Stone House, Stonefountain Terrace, 95 Klipfontein Road, Rondebosch, Cape Town, South Africa, 7700
Idilesi yeposi	PO Box 13238, Mowbray, Cape Town, South Africa, 7705

[3] ICandelo le-14(1)(a)(ii) le-PAIA; icandelo lama-51(a)(a)(i) le-PAIA.
[4] ICandelo lama-53 le-PAIA: “Uhlobo lwezicelo- (1) Isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu labucala kufuneka senziwe kwifom emiselweyo eya kwiqumrhu labucala elibandakanyekayo kwidilesi yalo, kwinombolo yefeksi okanye kwidilesi ye-imeyile yeletroniki.” (2) Ifom yesicelo sofikelelo emiselwe iinjongo zecandelo elinganeno (1) kufuneka ubuncinane ifune umceli obandakanyekayo— (*a*) ukuba anike iinkcukacha ezoneleyo ukwenza ukuba intloko yeziko labucala ebandakanyekayo yazi — (i) irekhodi okanye iirekhodi eziceliweyo; kwaye (ii) umceli; (*b*) akhombise ukuba loluphi uhlobo lofikelelo olufunwayo; (*c*) ukuxela idilesi yeposi okanye inombolo yefeksi yomceli kwiRiphabliki; (*d*) ukwazi ilungelo elo umceli afuna ukulisebenzisa okanye ukulukhusela kunye nokunika ingcaciso ekubeni kutheni irekhodi eliceliweyo lifunwa ekusebenziseni okanye ekukhuselweni kwelo lungelo; (*e*) ukuba, ukongeza kwimpendulo ebhaliweyo, umceli unqwenela ukwaziswa ngesigqibo kwisicelo ngayo nayiphi indlela eyenye, ukuxela loo ndlela kunye nenkcukacha eziyimfuneko ukuba aziswe ngalo; kwaye (*f*) ukuba isicelo senziwa egameni lomntu, ukungenisa ubungqina bamandla lawo umceli enza ngaso isicelo, ukuze yaneliseke ngokufanelekileyo intloko.”

Inombolo yomnxeba	021 686 4281 / 081 417 9721
Inombolo yefeksi	0866 102 401 / 021 685 8048
IOfisi eseGauteng ye-SARPBAC	
Idilesi yesitalato	2nd Floor, Marlboro House 127 Cnr Fox and Eloff Street, Johannesburg, South Africa
Inombolo yomnxeba	011 331 7013
Inombolo yefeksi	011 331 6980
IOfisi eseThekwini ye-SARPBAC	
Idilesi yesitalato	2nd Floor, Spaces Umhlanga 2 Ncondo Place, Ridgeside, Umhlanga, Durban, South Africa
Inombolo yomnxeba	031 830 5025

5. ISIKHOKELO SEKOMISHONI YAMALUNGELO OLUNTU KWI-PAIA[5]

1. Isikhokelo se-SAHRC siqulethe ulwazi njengoko lunokufunwa ngokufanelekileyo ngumntu onqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo elixelwe kwi-PAIA kwaye kunokufikelelwa kuso kwiwebhusayithi ye-SAHRC:[6]

IKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika: **IYunithi yomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi (Promotion of Access to Information Act) (PAIA)** **ICandelo loPhando namaXwebhu**	
IWebhusayithi	http://www.sahrc.org.za/www.sahrc.org.co.za
IDilesi yeImeyile	PAIA@sahrc.org.za
Idilesi yeposi	Private Bag 2700, Houghton, 2041
Inombolo yomnxeba	(+27) 011 877 3600
Inombolo yefeksi	(+27) 11 403 0625

2. Abaceli bathunyelwa kwesi sikhokelo, esiqulethe ulwazi olunxulumene nokuba umceli angafikelela njani kwiirekhodi ezigcinwe yi-SARPBAC ngokwe-PAIA kunye nolwazi ngeenjongo zokusebenzisa amalungelo oMgaqo-siseko.

6. ISICELO SOFIKELELO NGOKWE-PAIA[7]

1. Isicelo sofikelelo kwiirekhodi ezigcinwe yi-SARPBAC kufuneka sisiwe kwiGosa elinoXanduva loLwazi okanye kuSekela Gosa onoXanduva loLwazi kwaye senziwe ngokugcwalisa iFom yesi-2 yeSihlomelo A kwiMimiselo enxulumene ne-PAIA,[8] kunye nangokubhekisele kwintlawulo ngamazinga amiselweyo.

[5] ICandelo le-14(1)(b)(i) le-PAIA; iCandelo lama-51(1)(b)(i) le-PAIA.
[6] Sihlaziyiwe: Matshi 2022.
[7] ICandelo le-14(1)(b)(ii) le-PAIA; iCandelo lama-51(1)(b)(iv) le-PAIA.
[8] UMmiselo wesi-7 weMimiselo enxulumene ne-PAIA: "Isicelo sofikelelo kulwazi.—(1) Isicelo sofikelelo kwirekhodi esixelwe kwicandelo le-18 (1) okanye lama-53 (1) lomThetho, kufuneka senziwe kwifom engqinelana kakhulu neFom yesi-2 yeSihlomelo A kwiMimiselo, sisiya kwigosa elinoxanduva lolwazi.(2) Igosa elinoxanduva lolwazi kufuneka—(*a*) lincede umceli ngaso nasiphi isicelo ngokuphathelene nesicelo sofikelelo kulwazi; kwaye (*b*)ukuba isicelo sofikelelo kwirekhodi senziwa ngomlomo ngenxa yokungafundi okanye ukuba nokukhubazeka

2. Ukuququzelela ukusetyenzwa ngesicelo sakho, kufuneka unike iinkcukacha ezoneleyo ukuze i- SARPBAC ikwazi ukusebenza ngaso. Ukuba ngaba isicelo senziwa egameni lomnye umntu, umceli kufuneka angenise ubungqina obufanelekileyo bamagunya lawo umceli enza ngawo isicelo. Umceli ofuna ufikelelo kwirekhodi eliqulethe ulwazi lobuqu malunga nomceli akufunwa ukuba ahlawulele imali ehlawulelwa isicelo. Umceli ngamnye ongomnye kufuneka ahlawule imali ehlawulelwa isicelo efunwayo (njengoko inokumisela ixesha nexesha). [9]

3. Okulandelayo kuyasebenza kwizicelo, ngaphandle kwakwizicelo zobuqu:

   3.1. Umceli kufunwa ukuba ahlawule imali ehlawulwayo yesicelo emiselweyo ye-R100.00 kwi-SARPBAC esebenza njengequmrhu likarhulumente, okanye i-R140.00 kwi- SARPBAC esebenza njengequmrhu labucala, phambi kokuba kusetyenzwe ngesicelo; kwaye

   3.2. Iirekhodi zinokugcinwa de ibe imali ehlawulwayo ihlawulwe ngokupheleleyo.

4. Imali ehlawulwayo elandelayo ngokunxulumene nezicelo ezithile: [10]

	Imali ehlawulwa kwiqumrhu labucala	**Imali ehlawulwa kwiqumrhu likarhulumente**
Imali ehlawulelwa isicelo	R140.00	R100.00
Ikopi eshicilelweyo yesayizi yephepha le-A4	Yi-R2.00 ngephepha okanye inxenye yayo ngaphaya koko	I-R1.50 ngephepha okanye inxenye yayo ngaphaya koko
Ifotokopi yesayizi yephepha le-A4	Yi-R2.00 ngephepha okanye inxenye yayo ngaphaya koko	I-R1.50 ngephepha okanye inxenye yayo ngaphaya koko
Ngekopi engohlobo olufundeka kwikhompyutha ekwi: (i) isitifi (siza kunikwa ngumceli) (i) Cwecwe lekhompakthi:	R40.00 R40.00	R40.00 R40.00

komceli, gcwalisa iFom yesi-2 yeSihlomelo A kwiMimiselo egameni lomceli kwaye unike ikopi umceli ngaphaya koko, njengoko kuxeliwe kwicandelo le-18 (3) lomThetho. (3) Imali ehlawulelwa isicelo ngumceli ngamnye ekubhekiselwe kuye kwicandelo lama-22(1) okanye lama-54 (1) lomThetho lichazwe kwinqaku loku-1 leSihlomelo B kwiMimiselo."

ICandelo le-18(1) le-PAIA: "Uhlobo lwezicelo.—(1) Isicelo sofikelelo kufuneka senziwe kwifom emiselweyo siye kwigosa elinoxanduva lolwazi lequmrhu likarhulumente elibandakanyekayo kwidilesi yalo okanye kwinombolo yefeksi okanye kwidilesi ye-imeyile yeletroniki."

ICandelo lama-53(1) le-PAIA: "Uhlobo lwezicelo.—(1) Isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu labucala kufuneka senziwe kwifom emiselweyo eya kwiqumrhu labucala elibandakanyekayo kwidilesi yalo, kwinombolo yefeksi okanye kwidilesi ye-imeyile yeletroniki."

[9] **ICandelo lama-22(1) le-PAIA**: "Iimali ezihlawulwayo: (1) Igosa elinoxanduva lolwazi lequmrhu likarhulumente elo senziwe kulo isicelo, kufuneka ngesaziso lifune ukuba umceli, ngaphandle komceli wobuqu, ahlawule imali ehlawulwayo emiselweyo yesicelo (ukuba kukho nayiphi), phambi kokuba kusetyenzwe ngokungaphaya ngesicelo."

ICandelo lama-54(1) le-PAIA: "Iimali ezihlawulwayo: (1) Intloko yequmrhu labucala leyo senziwe kuyo isicelo kufuneka ngesaziso ifune ukuba umceli, ngaphandle komceli wobuqu, ahlawule imali ehlawulwayo emiselweyo yesicelo (ukuba kukho nayiphi), phambi kokuba kusetyenzwe ngokungaphaya ngesicelo."

[10] Sihlaziyiwe: Matshi 2022.

• Ukuba inikwe ngumceli • Ukuba inikwe umceli	R60.00	R60.00
Ngetranskripshini yemifanekiso ebonwayo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko Ikopi yemifanekiso ebonwayo	Inkonzo eza kukhutshelwa ngaphandle. Iza kuxhomekeka kwintelekelelo yexabiso evela kumniki nkonzo.	
Ngetranskripshini yerekhodi elimanyelwayo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko	R24.00	R24.00
Ikopi yerekhodi emanyelwayo kwi: (i) Sitifi (siza kunikwa ngumceli) (ii) Cwecwe lekhompakthi: • Ukuba inikwe ngumceli • Ukuba inikwe umceli	 R40.00 R40.00 R60.00	 R40.00 R40.00 R60.00
Ukukhangela kunye nokulungisa iirekhodi ukuze zixelwe kwiyure nganye okanye kwinxenye yeyure, kukhutshelwa ngaphandle iyure yokuqala, efuneka ngokufanelekileyo kuphando nolungiso olunjalo. Ukuba kungadluli kwiindleko eziphelelelyo zoku:	R145.00 R435.00	R100.00 R300.00
Idiphozithi: Ukuba ukukhangela kudlula iiyure ezi-6	Isinye esithathwini sesixa ngesicelo esibalwe ngokwamanqaku elesi-2 ukuya kwelesi-8.	
Ukuposa, i-imeyile okanye nakuphi okunye ukuhambisa nge-eletroniki	Iindleko ngqo, ukuba kukho naziphi.	

3. Ulwakheko olupheleleyo lwemali ehlawulwayo lufumaneka kananjalo kwiwebhusayithi ye-SAHRC ku-www.sahrc.org.za. Ulwakheko lwemali ehlawulwayo olusemthethwnei lwamva luza kusebenza maxa onke.

7. INKCAZO YONCEDO OLUFUMANEKAYO[11]

Umfaki sikhalazo, apho kufanelekileyo, uthatha amanyathelo anjalo njengoko kunikiwe kumacandelo elama-74 ukuya kwelama-82 e-PAIA ngokunxulumene nesenzo okanye ukusilela ukwenza ngokwe-PAIA. Ukuba ngaba umntu olucelwa ngaye ulwazi unombono wokuba ulwazi kuye kwajongwana nalo ngokuchaseneyo ne-PAIA, umntu olucelwa ngaye ulwazi kufuneka, nakuba kunjalo, aye kwi-SARPBAC kuqala ukuze ayike ithuba lokujongana kunye nokusombulula nayiphi na imiba apho kufanelekileyo.

[11] ICandelo le-14(1)(a)(iii) le-PAIA.

8. IMIXHOLO KUNYE NEENDIDI ZEEREKHODI EZIGCINWE YI-SARPBAC NGOKUNXULUMENE NABANTU OLUCELWA NGABO ULWAZI[12][13]

1. Iirekhodi ezigcinwe yi-SARPBAC ngokunxulumene nabantu olucelwa ngabo ulwazi ziquka, kodwa zingamiselwanga mda kwezilandelayo kwaye kufuneka zicelwe ngokusesikweni ngokusebenzisa inkqubo yesicelo equlethwe kwi-PAIA.

2. Kurekhodiwe ukuba zonke iirekhodi ezingaboniswanga kwiwebhusayithi ye-SARPBAC, ziza kwenziwa zifumaneke kuphela kumxholo womceli kumagatya e-PAIA nawe-POPIA. La maxwebhu anokutshintsha okanye ahlaziywe ixesha nexesha.

Imixholo leyo i-SARPBAC igcine iirekhodi zayo	**Iindidi zeerekhodi ezigciniweyo kumxholo ngamnye kunye nokunxulumene nabantu olucelwa ngabo ulwazi**
IiRekhodi zeNkqubo yoBhaliso	• Ngokunxulumene ne-SARPBAC kwaye njengoko kubonelelwe ngenye indlela kwi-SARPBAC ngabaqeshi kunye nabasebenzi abawela kwisikowupu se-SARPBAC. AbakwiPhaneli abathile babhaliswe kwi-SARPBAC kananjalo.
Iirekhodi zolawulo ze-SARPBAC	• Kuquka kodwa kungamiselanga mda kwiirekhodi ezinxulumene neKomiti enguNdoqo kunye nezinye iikomiti • Amaxwebhu anxulumene nabaniki zinkonzo
Amaxwebhu okusonjululwa kweembambano kunye nezinye izicelo eziya kwi-SARPBAC	• Onke amaxwebhu angenisiweyo kwaye afunyanwa njengenxenye yeembambano kunye nezicelo eziya kwi-SARPBAC kunye neembambano ezidluliselwe yi-SARPBAC. Anokuquka ulwazi olungeniswe ngabo bakwiPhaneli kwi-SARPBAC.
Iirekhodi zothethathethwano ngemivuzo	• Njengoko zingenisiwe ngamaqela kwi-SARPBAC kunye nakwabo bakwiPhaneli basebenza ngothethathethwano lwemivuzo
Amaxwebhu angeniswe kwi-SARPBAC ngabaqeshi kunye nabasebenzi abawela kwisikowupu se-SARPBAC kwaye ngokuthobela uMgaqo-siseko se-SARPBAC kunye nezinye izivumelwano ezihlanganyelweyo	• Ubungqina bokuthotyelwa koMgaqo-siseko we-SARPBAC kunye nezinye izivumelwano ezihlanganyelweyo
IiRekhodi zoLawulo lweziMali ze-SARPBAC	I-SARPBAC, *phakathi kwezinye izinto,* inokuba namaxwebhu alandelayo: • Ulwazi lwezimali lwe-SARPBAC • Iirekhodi zocwangciso-mali • INgxelo zeziTeyitimenti zeMali • Iirekhodi zokubhanka

[12] ICandelo le-14(1)(b)(ii) le-PAIA; icandelo lama-51(1)(b)(iv).
[13] ICandelo le-14(1)(c)(ii) le-PAIA; icandelo lama-51(1)(c)(ii) le-PAIA.

	• Iikontraki zeshishini • Imbalelwano ngokubanzi • Ii-invoyisi, iirisiti zeevenkile, iziteyitimenti njl. njl. • Ingqesho yepropati • Iirekhodi zomthetho • Iifom zerhafu kunye nembalelwano ye-SARS • IMizuzu yeentlanganiso zeKomiti yeziMali kunye neekomiti ezinganeno ezinxulumeneyo
Iirekhodi zoLawulo lweMicimbi eNxulumene nabaSebenzi ze-SARPBAC	• Amaxwebhu anxulumene nokuqeshwa nengqesho yabasebenzi be-SARPBAC
Iirekhodi zonxibelelwano	• Isiqulatho sewebhusayithi • Olunye unxibelelwano oluthunyelwe kwaye lwafunyanwa yi-SARPBAC
Iirekhodi Zolawulo	• Njengoko kufunwa ngumthetho okanye ngenye indlela.

3. Nangona i-SARPBAC yenze konke okusemandleni ayo ukunika uluhlu lweerekhodi ezigcinileyo, kunokwenzeka ukuba aluphelelanga olu luhlu. Ukuba umceli ukholwa ukuba likhona elo rekhodi, umceli kufuneka axelele iGosa elinoXanduva loLwazi lona eliza kukuthathela ingqalelo oko kwaye lenze uhlolo ngokunxulumene nesicelo esinjalo.

4. Itheyibhile engentla yemixholo/iindidi zeerekhodi ayithethi ukuba isicelo sofikelelo kwiirekhodi ezinjalo siza kufezekiswa okanye kudale ilungelo elekontraki)kwiirekhodi ezinjalo. Zonke izicelo zofikelelo ziza kuhlolwa ngokusekelwe kwimeko nemeko ngokungqinelana namagatya e-PAIA.

9. UKUFUMANEKA NGAPHANDLE KWESICELO KWEEREKHODI EZITHILE

1. Iirekhodi ezilandelayo zifumaneka ngaphandle kwesicelo kwiwebhusayithi ye-SARPBAC, kwaye kwiimeko ezithile kundlunkulu obhalisiweyo weNgxowamali ngexa leeyure eziqhelekileyo zokusebenza, ukuba kuceliwe ngesaziso. La maxwebhu anokutshintsha okanye ahlaziywe ixesha nexesha yi-SARPBAC.

Udidi	UHlobo loXwebhu
	<u>UMgaqo-siseko we-SARPBAC</u> • Isihlomelo “A” kuMgaqo-siseko we-SARPBA: IziVumelwano eziHlanganyelweyo • Isihlomelo “B” kuMgaqo-siseko we-SARPBA: UkuSonjululwa kweMbambano • Isihlomelo “C” kuMgaqo-siseko we-SARPBA: Inkqubo yokunyenyiselwa
	<u>ISivumelwano esiHlanganyelweyo esinguNdoqo</u>

("SARPBAC") Ulawulo (Iirekhodi zokuthobela nolawulo)	• Isihlomelo A: IiTayitile zeMisebenzi, amaBakala, ubuNcinane bamaZinga eYure • Isihlomelo B: UkuSonjululwa kweMbambano • Isihlomelo C: INkqubo yokuNyenyiselwa • Isihlomelo D: IiKhosi eziVunyiweyo zokuFunda
	ImiThetho kubaKomishinala
	INdima yoMenzeli owoNyuliweyo
	IFom yokuThunyelelwa uXolelwaniso
	IFom yeSicelo soLamlo
	INcwadi ye-PAIA / POPIA
	Iinkampani ezingasithobeliyo iSivumelwano esiHlanganyelweyo se-SARPBAC
	INgxelo yoPhando- Izikhombisi zehlabathi nezasekhaya kunye nemiba engqalene neBhunga loThethathethwano
	Imeko yomthetho enxulumene ne-SARPBAC kunye nezinye iimeko ezinxulumene nezemisebenzi
Ulwazi jikelele oluphathelene ne-SARPBAC	Amanqakwana nezibhengezo ezitsha ezisemdleni we-SARPBAC
	Iprofayili yombutho - iGunya, iSikowupu
	Ulwazi loqhagamshelwano lwe-SARPBAC
	Iinkcukacha manani zeembambano nolamlo (egrafu)
	Iinkcukacha zeenkampani zeebhasi ezimelwe yi-SARPBAC
Ulwazi oluphathelene neNgxowamali yoMhlalaphantsi ye-SARPBAC	Ulwazi loqhagamshelwano lweNgxowamali yoMhlalaphantsi ye-SARPBAC
	INcwadana yoLwazi yeLungu yeNgxowamali yoMhlalaphantsi ye-SARPBAC

10. IINKONZO EZIFUMANEKA KULUNTU EZIVELA KWI- SARPBAC KUNYE NOKUBA ULUFUMANA NJANI UFIKELELO KWEZO NKONZO [14]

1. Iinkonzo ezinikwa yi-SARPBAC zezo zimiselwe kwi-LRA, kuMgaqo-siseko wayo kunye nezivumelwano ezihlanganyelweyo.
2. Ezi nkonzo kakhulu zifumaneka kubantu abawela kwisikowupu sayo esibhalisiweyo.

11. UKUBANDAKANYEKA KOLUNTU OKUNXULUMENE NE-SARPBAC[15]

Ukusetyenziswa kwamagunya e-SARPBAC kunye nokwenziwa kwemisebenzi yayo kunye nokubandakanyeka koluntu ngokuphathelene noko kulawulwa yi-LRA, uMgaqo-siseko we-SARPBAC kunye nezivumelwano ezihlanganyelweyo ezibandakanyekayo ze-SARPBAC.

[14] ICandelo le-14(1)(b)(iv) le-PAIA.
[15] ICandelo le-14(1)(b)(v) le-PAIA.

12. UMTHETHO LOWO ZIGCINWE NGAWO IIREKHODI[16]

1. I-SARPBAC inokugcina iirekhodi ezinxulumene nezi, *phakathi kwezinye,* imithetho elandelayo:

   1.1. UmThetho weeNgxowamali zoMhlalaphantsi, oyiNombolo yama-24 ka-1956

   1.2. UmThetho weRhafu yeNgeniso, oyiNombolo yama-58 ka-1962

   1.3. UmThetho weeNkampani, oyiNombolo yama-71 ka-2008

   1.4. UmThetho weLungelo loMenzi, oyiNombolo yama-98 ka-1978

   1.5. UmThetho wamaBhunga eeNkonzo zoMmandla, oyiNombolo ye-109 ka-1985

   1.6. UmThetho weRhafu yeNtengo, wama-89 ka-1991

   1.7. UmThetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini, oyiNombolo yama-85 ka-1993

   1.8. UmThetho weMbuyekezo yokweNzakala neziGulo eziFumaneke eMsebenzini, oyiNombolo ye-130 ka-1993

   1.9. UmThetho wobuDlelwane bezabaSebenzi oyiNombolo yama-66 ka-1995

   1.10. UmThetho weeMeko ezisiSiseko zeNgqesho, wama-55 ka-1998

   1.11. UmThetho woLingano kwiNgqesho, oyiNombolo yama-55 ka-1998

   1.12. UmThetho weeRhafu zoPhuhliso lwezaKhono oyiNombolo ye-9 ka-1999

   1.13. UmThetho weInshorensi yokungaPhangeli, oyiNombolo yama-63 ka-2001

2. Olu luhlu aluphelelanga.

[16] ICandelo lama-51(1)(b)(iii) le-PAIA.